

# ZIBONELE News



## “Mabatsho kaloku ooBlacks ukuba baqesha ngeziqu kulo-ward 95”



Ibhalwe ngu Abongile Boo!

Kuphawuleka ngathi kusekude engqinibeni ngolwimi yaye lisezakuqhuba ixesha elide idabi phakathi kwabahlali neenkokheli zokuhlala eKhayelitsha. Oku kulandela emva kokungaboni ngasonye nokruthakruthwano phakathi komnye wabahlali kwakunye neenkokheli zokuhlala azityhola ngokuba nonyawo lwemfene ekukhutshweni kwamathuba emisebenzi kwakunye nasekuqashweni kwabahlali kwaWard 95 odibanisa iZwezwe nenxalenye yaseNkanini.

Umnumzana uMongezi Conjwa olilungu leDA utyhola ngelithi iinkokheli zalam-

mandla ezifana noceba wewadi ophuma kwiANC umnumzana Xolisa Blacks Ngwekazi nomnumzana uMbongeni ziyabajika abantu ababizwe sisiXeko seKapa ukuba bayokuqala emsebenzini ze bafake ababo abantu.

“Sinabantu bethu apha ekuhlaleni abajikwayo ngoMbongeni noceba lo unguBlacks bakugqiba bafake ababo abantu babe aba babajikayo ingabantu abakuluhlu lukarhulumente abathi bona abakulungelanga ukungena kulomisebenzi, yaye sino isiqiniseko sokuba bayabajika abantu, ndinalo noluhlu lwabo bajikwayo kwaye besisele sithethile nosihlalo webhungana

malunga nale nyewe wathi ke uzakuyihla amahlongwane” utshilo uConjwa.

Ephendula ezizityholo umnumzana Xolisa Blacks Ngwekazi onguceba kwaWard 95 uthi yimbudede nje yendebelefele engenasihlahla lentetha.

“Ungandixeleli ngabantu abafuna udumo nenjezu mna bengenanjongo yakwakha kuhlala koko benyeke nje ukudunyiswa ngabantu ngobuxoki” utsho uBlacks.

Uthi uluhlu lwabantu abaqeshwayo luphuma kurhulumente wesixeko sekapa hayi kubo, ngoko ke abanabango ngakulo.


### MINI EMNANDI YAMAGUGU NAMAFU



#### Funeral Plan

Re Mmogo - through good and difficult times!

Underwritten by Bryte Life



FROM AS LITTLE AS R25	PREMIUM DIFFERS	UP TO 65 YEARS
PLAN A TO PLAN G	SINGLE MEMBER SINGLE PARENT FAMILY 6 FAMILY 8 GROUP EXTENDED FAMILY	WAITING PERIOD 6 MONTHS

ADVERTISE ON OUR NEWSPAPER

**Special OFFER**

Spend R2000 or more and get two live reads on radio or spend R5000 and get 5 adverts and production free. And a poster on Facebook.

NEWS EDITOR: sindaphix@zibonelefm.co.za  
PROJECT COORDINATOR: ashlan@zibonelefm.co.za

## Sixakiwe kukuqubisana ned- abi lomhlaba isiXeko seKapa

Ibhalwe ngu Nomaxabiso Mgqawule



**K**ubonakala ngathi yintsindabada ukufumana isisombululo kumba wokuzithabathela ngetshova umhlaba kwabantu kwisiXeko esimbaxa sase Kapa, nanjengoko ziqhubeka ezi ziganeke kwaye usamile nomthetho wenkundla othintela ukuchithelwa kwabantu amatyotyombe abo ngeli lixa leCovid 19. Sele kuyiminyaka abahlali besi sixeko bezithabathela ngokungekho mthethweni imihlaba ze bagxumeke kuyo amatyotyombe abo kodwa kubonakale kukhula ngamandla ngakumbi ngexesha lokumiswa ngxi kwentshukumo zoluntu kwinzame zokunqanda ukunwenwa kwentsholongwane ikhorona.

Abantu abaninzi bakuthethelele ukuzithabathela imihlaba ngelithi abanacebo limbi nanjengoko bengasenayo imali yokuhlululela iindawo zokuhlala ngenxa yokuphulukana nemisebenzi ngelixa lokumiswa ngxi kweentshukumo okuluqilima. Abahlali besixeko esimbaxa sase Kapa basathe gqolo ukuzithabathela imihlaba ingakumbi kwiindawo ezifana neKhayelitsha, eMfuleni, Kraaifontein nezinye, kwaye kungoku nje abafuni nokubona nalinye ibala elingenatyotyombe. Oku kuzithabathela imihlaba maxa wambi kukhatshwa luqhankqalazo olunodushe.

Nangona oku kuzithabathela umhlaba kwabahlali kuwothule umthwalo emagxeni kubo kwelinye icala kuthwaxe ngamandla icandelo lolwaluko nanjengoko bengene nakwimihlaba yokwenzela eli siko. Kungokunje liziko elijongene nolwaluko iSomagwaza Institute kwiphondo leNtshona Koloni ikhala esimantshiyane isithi amanye amabala sele iwancamile. Umnumzana Sikelela Zokufa oyingcibi ubongoza abahlali ukuba basebenzisane nabo bazikhwebule ekuthabatheni la mabala esithi oku kunyasha amalungelo abo bafuna ukwaluka nokwalusa.

“Isothusile into yokuba abahlali ingakumbi abangamaXhosa baye kungenza kumhlaba wolwaluko ongumhlaba wenkcubeko, kuba bayayazi abantu ukuba iindawo zokungcwaba akubekwa ndlu kuyo kwaye ke iyafana neyolwaluko akubekwa ndlu kuyo kuba le ndawo inezinto zayo ezinobuzaza” Utshilo uZokufa exhalabile.

Uthi abo bangena kumhlaba wolwaluko bacinga phambi kweenyawo zabo nanjengoko abantwana babo abakhulela edolophini basengazikhethela ukuzinza baze bangabi namihlaba yolwaluko. Oka Zokufa uthi bayavelana nabo bangenandawo zokuhlala kodwa esithi nesiko libalulekile kananjalo ubongoza urhulumente ukuba ibiyelwe imihlaba yolwaluko.

Icandelo lokuzinziswa koluntu kumasipala lithi ukuzithabathela imihlaba koluntu kubangela uphazamiseko olumandla kwiprojekti zolwakhiwo lwezindlu. Umnu. Malusi Boo olilungu lekomiti kasodolophu kweli candelo uthi zizigidi zerandi eziliqela ebezibekelwe ulwakhiwo lwezindlu ekuzakufuneka zibuyiselwe emva. Uqhube wathi isigqibo senkundla esithintela isiXeko ekuchitheni la matyotyombe naso sinempembelelo engentle, esithi kungokunje umasipala ufake isicelo sesibheni ngakwesi sigqibo kwaye balindele umhla wokuphulaphulwa kwaso.

“Yimali engaphezulu kweshumi elinesihlanu lezigidi zeerandi ekufuneka ijikisiwe ebizakwenza iprojekthi yezindlu zaseMkhaza ezingamakhulu amane namashumi amahlanu” Utshilko loka Boo.

Kusenjalo, usodolophu wesixeko esimbaxa sase Kapa umnumzana Dan Plato uyalele igqiza lezomthetho lesiXeko ukuba lifake isibheni ngakwesi sigqibo senkundla. Uthi kwiinzame zabo zokukhusela imihlaba sele besuse izakhiwo ezingekho mthethweni ezingaphezulu kwamashumi amahlanu anesihlanu amawaka kwimimandla emalunga namashumi amathathu.



## Kudodobalisa ukukhula kosana ukuzintyintya ngoty- wala kwalowo ukhulelweyo

Ibhalwe ngu Bongeka Ntlanga

**I**sifo sokudodobala kosana ngengxa yotywala ngelixa unina esakhulelwe ( Featal Alcohol Syndrome) sithwaxa ihlabathi jikelele, kwaye ngokutsho kwesebe lezempilo, ilizwe lo-Mzantsi Afrika lelinye lamazwe anamanani aphezulu abantwana abathi bazalwe nesisifo. Le meko iquka ukudodobala kwengqondo, ukugogeka komzimba kunye nophazamiseko ekukhuleni kosana ngokubanzi. Isebe lihambisa ngelithi abantu abakhubazekileyo abaninzi kweli babangelwe kukuxhatshazwa kotywala ngelixa besesesibelekweni.

Kule nyanga yo-Msintsi kwilizwe jikelele kuqhutywa iphulo lokulumkisa uluntu ngobungozi bokusela utywala ngelixa ubani ekhulelwe.

“Iingxaki ezininzi eluntwini, ezifana nabantwana abakhula bengakwazi ukwehlula okubi nokuhle zibayimiphumela yokuphazamiseka ngenxa yotywala.” Utshilo umphathiswa wese-

Koloni ugqirha Nomafrench Mbombo ngethuba eliphondo liphehlela eliphulo.

Uthi uluntu lugxila kakhulu kugogeka lomzimba ngelixa ingqondo ithi iphazamiseke nayo ekuhambeni kwexesha, ngenxa yokuba umntwana enomzali obesela utywala ngelixa ekhulelwe. Unabe wathi izixholoxholo ezininzi kweli ngokubanzi zibangelwa kukungakwazi ukuqika nokumisa ingqondo kuba isilele kulwakhiwo olululo ngelixa umntwana ebesesibelekweni.

“Sibongoza abo bangqonge amanina akhulelweyo ukuba bakwaye ukusela utywala, ngakumbi phambi kwenina elikhulelweyo, khonukuze balwe nokurhalisa lowo ukhulelweyo”. Utshilo ugqirha Mbombo. Uhambise ngelithi luxanduva loluntu ngokubanzi ukuqinisekisa ukuba amanina akhulelweyo ayabukwaya utywala ngakumbi ngexesha lokukhulelwa kunye nelokuncancisa.

## Iphantse ukujing' iliso ibethelwa i-glass intokazi yasePhillipi

Ibhalwe ngu Nomaxabiso Mgqawule



kumandoda ngoba ukuba bendikwazi ukuzilwelwa ngengandonzakalisanga ngoluhlobo...kuba ngasa ziziganeko zokubethwa kwabasetyhini kwaye lomfana bendiqala nokumbona engenguye nomntu endincuma naye”.



Wendy

Utshilo uWendy Mqikela oneminyaka engamashumi amabini anesibhozo ubudala (28) ethetha edandathekile emphfulweni malun-

**L**ivakalise ukungaxoli inenekazi elibethwe ladumba iliso yinda ebebeleli nayo kwindawo yentselo nalapho esithi umbethelele iglass ebemqanda ukuba angahambi nayo kuba ingeyoyakhe. Eyona nto yenza kuba le ntombazana ingaxoli kuku ngahoywa ngamapolisa ngethuba iwabizile ngelithi avele amthuka emxelela ukuba akazihoyi izinto zomnxilo nakubanje yena athi ebengenabushushu bungakho nanjengoko engakhange azintyintye.

“Ndiva kabuhlungu kukungahoyakali kwam sendizixelele ukuba ndizofumana uncedo emapoliseni nanjengoko afowunelwe ngumama

we sihlobo sam emva kokuba endinkunkuthe kanobomi uSandile Matyobeni endibethela ukuba

Ingxelo zithi umrhanelwa uSandile Matyobeni useluvalelweni kwaye uphando lusaqhuba ngakumapolisa abanndimnqanda angahambi ne komityi, dakanyekayo ekungahoyanga kwetyala lokubethwa kwale ntombazana.

## INGABA ISELIPHIKO LOLUTSHA KWI-ANC KUSINI NA??

Ibhalwe ngu Wanda Nongomaza / Iguqulelwe ngu Lusindiso Mayambela



Pic: Mfuzo Zenzile

Usamile kwaye akagungqi ukuba usengusekela-sihlalo wephiko lolutsha kwi-ANC nangona esanqunyanyisiwe umnumzana-Mfuzo Zenzile. Lo ka-Zenzile unqunyanyiswe kwinyanga ephelileyo ngokwenza iingxelo esidlalaleni nalapho aphikisa isigqibo esihlanganisiweyo seliphiko lolutsha esimalunga nokungenela kwakho ugqatso kwentloko ye-Arhente yophuhliso lolutsha i-NYDA umnu-Sifiso Mtshweni. Lo ka-Mtshweni uye wachongwa kwakho liphiko lolutsha ephondweni njengomgqatswa, malunga nento oluyibiza ngokuba sisigqibo esifanelekileyo ukuba sithatyathwe nanjengoko umnumzana-Mtshweni ebonakalise ubunkokheli obusemgangathweni ngethuba ebekwisigaba sangaphambili.



Pic: Sifiso Mtshweni

Umnumzana-Zenzile uthi uthi nangona engenaxa ngakulo ka-Mtshweni, kodwa ukholelwa kwelokuba akekho selungelweni lokubakwesikhundla ngenxa yeminyaka yakhe yobudala. "Andinangxaki noqabane u-Sifiso, ndikholelwa ukuba ngumntu ofanelekileyo ukuba abenempumelelo naphi na. Ndikulungele ukuxhasa nabani na kuquka yena, obonakalisa inkqubo engenamkhethe, ngaphandle kwesiphumo esicetyiweyo". Utshilo umnumzana u-Zenzile. Umnumzana u-Khalid Sayed ongusihlalo wephiko lolutsha lwe-ANC kwiphondo le-Ntshona Koloni uyaluphikisa uluvo lukamnumzana u-Zenzile. "Ipalamente isingethe inkqubo eselubala kwaye ngoku loonkqubo izakuvulwa kwakho ngokubanzi, ngoko ke sizakulindela ezoziphumo". Utshilo umnumzana-Sayed. Ukanti khange zibenampumelelo iinzame zegqiza leendaba kwi-Zibonele FM zokugqagamshelana nommeli wepalamente. Umnumzana u-Sayed umgxekile usekela-sihlalo onqunyanyisiweyo ngokuthetha malunga nemiba yephiko lolutsha lwe-ANC ngelixa enqunyanyisiwe.

"Ngoko ke makathethe njengelungu loluntu elinengcombolo yangaphakathi endinako mna ukufikelela kuyo" uqhube watsho umnumzana u-Sayed kodwa nangona kunjalo lo ka-Zenzile khange abuye ngamva, esithi ulilungu lalombutho. "Yeyakhe ke leyo inyewe, mna ndililungu kwaye ndingusekela sihlalo wephiko lolutsha e-Ntshona Koloni. Ngokubhekiselele kubulungu bam kwi-ANC akhonto anokuyithetha, akanako nokuphefumla ngalombandela, akanamalungelo oko". Utshilo umnumzana u-Zenzile.

Ngokokutsho kwesithethi seliphiko lolutsha umnumzana u-Lonwabo Bahlekazi, ikomiti yezoluleko imanxada-nxada ngezicwangciso zoviwo lwezoluleko ngakumnumzana u-Zenzile. "Ukunqunyanyiswa kwakhe kusalindele uviwo lwezoluleko, i-PWC izakudibana ukuze yenze isiphakamiso somgaqo-siseko we-DC kwikomiti yesigqeba se-ANC ephondweni. Emva kokuba lekomiti iqinisekise isiphakamiso se-PWC kwanokuba i-DC inawo umgaqo-nkqubo, i-DC izakunika ingxelo kwikomiti yesigqeba salombutho ephondweni." Kulapho sizakubanako ukuqonda ukuba oku kuzakuthatha ixesha elingakanani na". Utshilo umnu-Bahlekazi.

Ephendula kumbandela wephiko lolutsha lwe-ANC elibonakala ukuba liya libamadolwanzima nokungabikho luqilima susela oko umnumzana u-Julius Malema walahla, umnumzana u-Bahlekazi ugxeke ubunkokheli beliphiko, elityhola ngokucela injezu. "Bakholelwa ukuba iphiko lolutsha lifile ngenxa yokuba babhangiswa, bebhangiswa ngenxa yokuba bengenazo iinkqubo kwaye bengenakho ukubanabantu aboneleyo kwiintlanganiso zabo ukuze bathabathe izigqibo, nasemva kwesigaba sabo se-Ofisi. Ngethuba sibacela ukuba bangenise ingxelo, baye bangenisa uxwebhu olungacacanga kwaye amaxwebhu abo obungqina ayephelelwe lixesha". Uqhube watsho umnumzana u-Bahlekazi. Umnumzana u-Luzuko Bashman kwakunye nabanye bebesoloko bememelela kwi-ANC ukuba iyeke ukungenelela kwimiba yephiko lolutsha kulombutho, nababanga ngelithi ikhokhelele kububhetye-bhetye bephiko lolutsha.



Kusenjalo, iphiko lolutsha kwi-ANC kwiphondo le-Ntshona Koloni linikezele ngenkxaso yalo ngakuceba we-Nelson Mandela Bay ogwetyiweyo umnumzana u-Andile Lungisa. Umnumzana u-Lungisa wafunyaniswa enetyala emva kokubetha uceba we-DA ngejagi yamanzi, kwaye ukubanjwa kwakhe kubangele isankxwe ngaphakathi kwi-ANC. Oku kukhokhelele ekubeni abo babesakubaziinkokheli ze-ANCYL bamanyane ngelixhasa lo ka-Lungisa, bememelela ukukhululwa kwakhe.

## uMangaBiz uphethe ezihlwahlwazayo

"Yeka ukulinda umzuzu ogqibeleleyo, thatha umzuzu uze uwenze ubengogqibeleleyo" -Manga-Manga




Ibhalwe ngu Nandipha Sakwe Iguqulelwe ngu Lusindiso Mayambela

sikweni".

Nangona kubenzima ukuba u-Manga anikele, kungenjalo afikelele eluntwini ngexesha lalobhubhane kwakunye nemiqathango eqatha ye-Lockdown, u-Manga ujonge phambili ekubeni aphembelele, kwaye afikelele kwabo bafuna uncedo xa kugqithe lobhubhane.

U-Manga-Manga nongumsebenzi weziko losasazo lasekuhlaleni elidumileyo i-ZiboneleFM, ngumntu osoloko esaziwa ngenkqubo yakhe eyindumasi ethi "Ayatshis'amateki nenkqubo yezemidlalo i-Sport Parliament rhoqo ngemi-Gqibelo kusasa nasemalanga. U-Manga-Manga ukwangumsasazi wenye inkqubo yezemidlalo eqhuba ngo-Lwesithathu nango-Lwesihlanu ukususela ngen tsimbi yesixhenkxe ukuya kwintsimbi yesibhozo ngokuhlwa.



Manga

Iinkqubo zakhe zifikelela kwiindawo ezininzi e-Kapa, kwano kufikelela kwazo kwinqanaba lokufumana iqonga le-DSTV, U-Channel 841, ntoleyo yenza ukuba zibenabaphula-phuli abaliqela kwilizwe lo-Mzantsi Afrika jikelele.

Inkqubo ethi Ayatshis'amateki ijolise ekubeni yonwabise abantu abadala nokubakumbuzisa ngeentsuku zabo zobutsha ngomculo.

Ngelixa iinkqubo zakhe zemidlalo zinika iindaba ezintsha, amagqabantshi ngezemidlalo kwakunye neziphumo ukugcina abaphula-phuli benolwazi malunga nokwenzekayo kwezemidlalo.

Emva konyaka odlulileyo iqalile lenkampani, Kulonyaka bagqibe kwelokuba baqwalasele elinye iqhinga kwinto abazenzayo, kwaye ke apha kulapho kwaye kwavela ingcamango yokuba bathengise umdiliya omfaxangiweyo, yaze yaqala ngolohlobo i-Mangabiz wines

Ngethuba simbuza malunga nemiceli-mngeni ejamelene neshishini lakhe, u-Manga-Manga usinike iimpundulo ezichulumancisayo.

"Imiceli-mngeni endijsmelene nayo yimfuno emandla yalemidiliya kuba ndinomsebenzi wam wamihla yonke ondifuna ngentsimbi yethoba kusasa de kubeyeyesihlanu malanga kwaye kusafuneka sihambise lemidiliya, kwaye kuye kwanyanzeleka ukuba sirhoxise umsitho wokuphehlelela i-Mangabiz Wines ngenxa yobhubhane we-Covid-19, kodwa ke nakubeni kunjalo xa sele izinto zibuyele kwimo yesiqhelo sizakuliphelhelele elishishini ngokuse-

"Nanjengoko urhulumente enyenyise imiqathango enxulumene notywala ukuze kuvulwe kwakho uqoqosho, lonto ithetha ukuba ndizakudinga ezinye izandla eku-mele ukuba ndisebenze nazo, Kulapho ndizakubanako ukudala amathuba emisebenzi kubantu abatshalam, kuzakutsho kubelula nangkumbi kum ukuba ndibaphembelele ukuba nabo baziqalele awabo amashishini".

Oluhlobo lwemveliso zemidiliya luhlumayo lichazwe njengolugqibeleleyo xa uyidibanisa naso nasiphi na isidlo nanjengoko lunenentlobo-ntlobo zencasa ezifana ne-Mangabiz Dry-Red, Mangabiz Sweet-red, Mangabiz-Shiraz, Mangabiz Sweet-White, kwakunye ne-Mangabiz Dry-White. U-Manga woleke ngelithi kwisithuba seminyaka embalwa ezayo, ubona ishishini lakhe lifikelela kwicandelo lemidiliya elikwinqanaba eliphezulu, ibenamasebe kwilizwe jikelele.

Kubo bonke abo banentshisakalo yokubangoosomashishini abasebatsha, abangamanina namadoda, nanga amazwi enkuthazo ka-Manga:

"Umntu ngamnye ufuna lanto yokubonakala kancinane ukuze aqaphele ukuba unakho ukwenza kwenzeke ebomini, kwaye akukhathaliseki nokuba uphuma phi na, injani imeko yakhe yangoku, ngoko eyona nto ibalulekileyo kukuphupha, yeka ukulinda umzuzu ogqibeleleyo, thatha umzuzu uze uwenze ubengogqibeleleyo".

U-Manga ukwathi "ukuze ungabilo ivila, fumana izinto ezikunika impembelelo nonothando lwazo, unganikezeli, sebenzisa amaqonga onxibelelwano ukuze uthengise ishishini lakho endaweni yokusixelela ngobudlelwane bakho obunliphelhelele elishishini ngokuse-

gakhange buhambe kakuhle".


## Ingaba ngokwenene iinkokheli zokuhlala zinalo na ibatha ekukhuthshweni kwemisebenzi yoluntu?

Uyayingqina na into yokuba kuxhamla abathile kwimisebenzi okanye kweziziqhuma zokutya zimele ukufunyanwa luluntu lonke?



**Manhie Iphelo Lika Tyhopho**

Yhuyu yinyaniso emsulwa le, akhondawo inganikisi mdla njengo ward 95.



**Sibabalwe Salindokuhle Kwadlamini**

Ewe kuxhamla abathile umzekelo aphe mfuleni ngok bekuphum I groceries for covid khange sfumane Thina Bantu bangsebenziy kwa khethwa abathile



**Alu Maseko**

Kunjalo msasi xasiba-buza bazifumene njni bona abasichazeli



**Vicky Mdze**

Kukhethwa abathile alk and nemisebenzi bayinika families zabo wena ungeyiyo funeka ukhuphe mali ukuze uqashwe endingazi ba uzawiyithathaphi usafuna lo msebenzi nje



**Nokwandisa Jamani**

Kunjalo msasi bakhetha izihlobo zabo nabahlobo zangendabona kwafoodparcel zangendazibona okozibona




**Bongiwe Mtshintshi**

Bakhetha iifamily zabo nyani naxa kufike ezofood parcels I family yiyo eyifumana kuqala ndilaphe Mfuleni



**Zandile Ncetani**

Ewe kukhethwa abathile bendibona nje abantu bephethe food parcel abanye baselwa sanitiz-er zindlini pof batsiba ezethu zindlu



**Chumile Sali**

Khawuphendule Ceba Xolisa Blacks Ngwekazi

# IMISEBENZI YOLUNTU

Njengokuba sisazi uba kwiingingqi esihlala kuzo kukho abantu abakhethekileyo abathi bancede ekuhlaleni ngokubanzi ngamaphulo amaninzi abathi bancede ngawo "Amaqhawwe okuhlala" athi xa kukho imiceli mngeni kaxakeka angenelele ngokunceda apho anako kwanokuqhuba iiNkqubo ezinceda ukukhulisa iinkokheli ezisakhulayo.

## I-Ikasi Soccer School ixakathisa amanina ngezakhono kwezemidlalo

Ibhalwe ngu Ashia Nkontsa



Ukuba ubucinga ibhola ekhatywayo ifan- ele abafana kuphela, cinga kwakhona ngoba Ikasi Soccer School ijongene namani- na anesakhono sebhola ekhatywayo. Iqinisekisa uba

ayifundisi esisakhona kuphela koko ijongene nezinye izakhono ezithi zakhe lamanina asakhulayo ezifana nengqwalasela kumaziko ezemidlalo nokubancedisa ukuba bayagqwesa kwezem- fundo njengokuba umphathi waliphulo lophuhliso u-Dumis- ani Ntsondo esithi eyona ngxam yesisikolo kukuba nangona beyakhele umkhanyo imidlalo nje kubalulekile ukuba imfundo ihambe phambili.



"Sifuna ukubaqeqesha baphumelele ngaphaya kwezakhono zabo bakwazi nokuziphuhlisa" –Dumisani Ntsondo

Uqeqesho olwenziwa kwesisikolo kukufundisa ukuzithemba nesimilo ngeendlela abaziphethe ngayo kwanokungaxhome- keki kubantu abangamadoda, nanjengoko esisikolo saqala kwiminyaka emine edlulileyo injongo zayo kukukhula ibesisi- kolo esigqibeleleyo seziko lokufunda nanjengoko ngoku sisaz- inze e-Hoplang combined school nje iinjongo kukuzimela.

Elinye iphulo elithe lathatha yi-Ikasi Soccer School kukunceda ngelixa likaxakeka apho ilizwe belibanjwe maxongo yintsho- longwane i-Corona nabathe banceda iintwazana ezikwesisiko- lo ezingapha kwama-70 ubuninzi ngezibonelelo zokutya qho ngolwezihlanu ezihamba nesiqholo zothambiso.

Okwangoku esisikolo soqeqesho sisenemicelimngeni yokunga binazithuthi zaneleyo ukanti balindele naluphina uncedo aban- gathi balifumane, ngoko lowo ufuna ukuphosa esivivaneni an- gaqhagamshelana nabo kwikhasi labo lonxibelelwano.

Ikasi Soccer School nalapho ungajonga khona izibhengezo zabo zeenkqubo.

## Artistically crafting a way to nourishment

Written by Ashia Nkontsa



A young man by the name of Faith Thando Sidinana who is exemplary to the community by using his leadership skills to equip the unemployed young people and exposing them to alternative skills that can help them in the job market.

"All I want is to see young people empowered to do things for themselves" – Faith Thando Sidinana



Thando who is the leader of the orga- nization that gives sewing skills, paint- ings and other arts and crafts programs and mentoring. The young man is now



Pic: Sipho Mona

## Beyond cycling Velokhaya navi- gates the minds of future leaders

Written by Ashia Nkontsa

Velokhaya is a cycling school that goes beyond teaching underpriv- ileged kids about bicycles and fit- ness, the organization runned by Siph- oMona aims to educate kids from all across Cape town who are the ages of 6-26 years about running in their first trimester and discipline, provide alternative skills and manage to get them into platforms around the globe to showcase the cycling skills and partake in competitions and tournaments.

As the study has shown youngest people if not challenged and provided with extra curriculums and skills end up using drugs and crime activities, well not with this or- ganization that not only educate them but shape their minds to be exemplary young leaders for our communities. Not only do they strive to better the com- munity through education and training they also have shown great leadership by mobilizing to help over 1200 families over the corona virus pandemic for not only their members but the community at large.

"What we want to be known for is being the best in the world to groom future leaders" – Sipho Mona

## Amakhitshi esuphu ayayigxoth'ikati eziko

Ibhalwe ngu Zukisa Mbobi

Kummandla wase HARARE u Khanya Qongqo naye wolula isandla esungula i Soup kitchen ebuzwa ngokuba yi Harare CAN enceda abahlali abangathathi ntwe- ni kwaye bakwathutha nokutya nge bhayisekile bekusa kubantu .

Inkqubo eqale nje ngokunceda abantwana ezikolweni yande yabalithemba lokuya ethunjani kubantu abaninzezisigqibo sithathwe kuba bekhona abantwana abaxhome- keke kwinqubo yokutya ezikolweni. Loka Gqongqo uthi abafumani nxaso esuka kurhulumente kwaye sele bondle abantwana abangaphaya kwamakhulu amabini . Inkokheli yombutho wezopolitiko i-OSA umnu Mmusi Maimane unikezele ngenxaso yezixa zokutya kule soup kitchen ezingamakhulu mathathu namashumi amahlanu .

Kusenjalo kummandla wase Harare umama u Nosakhele Gwenene usungule i soup Kitchen eyaziwa nge Siphilile Community soup kitchen ngobambiswano kwanye no mama u Lumnka Goerge . " Siyasokola kule soup kitchen ngoba kaloku asifumani nxaso yaneleyo , ukutya esikuphakayo sikuthenga ngemali yethu okanye sikufumane kwivenkile sabantu bangaphandle" utshilo umama u Gwenene .

Oka Gwenene usixelele ukuba i soup kitchen yabo ivula ngolwezithathu kuphela nge- sizathu sokuba umama ancedisana naye umama u Lumnka George ufumaneka ngol- wezithathu kuba ethengisa amagwinya ngezinye intsuku . Ilizwe loMzantsi Afrika lithwaxwa kanobom yindlala kwaye sibona besekhona abasa- mariya abalungileyo.

working on establishing a resource center during corona the team went all out to feed the community through a soup kitchen and that will help unemployed people with job readiness, give computer skills and how to write their Curriculum vitae (Cv's) that gets them to the door. food parcels.

to write their Curriculum vitae (Cv's) that gets them to the door.

To support this organization email: ambassadorsoc@gmail.com

or visit their facebook page:

Ambassadors of change which is the name of the organization has helped a number of young people throughout Khayelitsha,

Ambassadors of change

# Gangsterism crippling Cape Town Communities

Written by Michelle Augus

Violent crimes has become one of the biggest obstacles in Capetown, after unemployment and poverty. In the past few years gangsterism has plagued several areas around Cape Town leaving residents in fear and becoming hostages in their homes. In Bonteheuwel, which is a gang infested area, a 26 year old woman named Shakeena Karriem was shot and murdered on the 6th of September in an apparent gang related drive-by shooting. This incident was the latest of many shooting incidents where people lost their lives in the past few months in the area.

According to Bonteheuwel Ward councillor Angus Mckensie escalating gangsterism in communities is a direct result of poor policing and broken criminal justice system.

"It has very little to do with not having a job, in fact a gangster in most cases don't want a job! Those that believe lack of jobs are reasons for gangsterism are sadly just seeking excuses! What job do you give someone with no education and self-respect? The biggest issue is the fact that police have lost control, courts don't care what impact their poor decisions have on communities and parole is just to freely given". Said concerned and agitated



Mackenzie.

Mackenzie says this is a systemic failure of state orchestrated by the ANC government and that until the ANC government sorts out policing, makes courts effective and ensure gangsters are rehabilitated in jail South Africans must forget about getting a solution".

Other Areas such as Manenberg, Elsies River, Bishop Lavis, Lentegur, Gugulethu, Mitchells plain, Ravensmead, Nyanga, Phillipi East, Delft and Khayelitsha have also been plagued by gangsterism. Children also fell victims of crimes committed by gangsters by getting caught in the crossfire and losing their lives. On the 15th of June 2020, a 3 year old girl lost her life when she and her father got caught in gang cross fire while walking

to the shop in Ravensmead. On the 7th of September, Nahemiah Claasen (10) was also shot in the head while running for cover during a shooting by gangsters in Parkwood Grassy Park.

SAPS has made several successful arrests in past few months regarding these incidents and other offences by gangsters leading up to them getting charged and sentenced to jail but in most instances they get released on bail or not prosecuted for their crimes, like Mustakim Scullard, 20 years old, who faced murder charges but was released on bail of R1500 from the Athlone Magistrate's Court the 25th August as the magistrate explained that it was his first offence. The Western cape department of community safety then wrote to the NPA to investigate this ruling. The minister of community safety Albert Fritz added "While it is important to take into consideration whether a perpetrator is a first-time offender, this should be considered in terms of the context and nature of the crime. Scullard is a known gang hitman and poses a threat to the safety of our communities. It is incredibly concerning that he has been released on bail. It is an indictment on criminal justice system that the someone facing murder charges should be released on bail."

## Basabulawa ngokungenalusi abantu eNyanga nasePhillipi

Ibhalwe ngu Lusindiso Mayambela

Isiganeko sokubulawa kwenina wamatyotyombe i-Sqalo, kwaye isisu elinemyaka engama-22 ubudala kummandla woogob'ityholo i-Sqalo kufuphi nase-Samora Machel, sishukumise abahlali abaquka ulutsha ubukhulu becala nabadele imvula nengqele eqhaqhazelisa amazinyo, baze benza umngcelele osingise kwisikhululo samapolisa e-Phillipi ngelibonakalisa ukungaxoli kwabo emva kokubulawa kwamanina kulommandla. Ababahlali nebebepethe amaxwebhu abhalwe amagama athi: "KWAN-ELE UKUBULAWA KWAMANINA NGOKUNGENALUSINI" bathi bafuna kwenziwe ubulungisa kwixhoba. Oku kusemva kokubulawa kuka-Zandile Mduyini obesele eneenyanga ezisibhozo ekhulelwe. Iingxelo zidiza ukuba umzimba wakhe wafunyanwa kummandla Kwesinye Isiganeko kuvulwe itya-

la lokubulala emva kokufunyanwa ma kunye ne-tracksuit ebomvu kaye komzimba wendoda engaziwayo abantu abanokwazi ukuza kwisikhululo ulahliwe kwikona ye-Zwelitsha Drive lulo samapolisa e-Nyanga, bangeza ne-3rd Avenue cebu kuhle e-Nyanga e-Kapa. Ngethuba amapolisa efi-olisa". utshilo u-Captain Sitshitshi. ka kwindawo yexhwayelo, afumene umzimba wale ndoda ugqunywe Ukanti zixhaphake ngokumandla ngengca eluhlaza embindini wendlela. Le ndoda ibinomonzakalo ebusw- iziganeko zokubulawa kwamanina kummandla i-Phillipi nase Nyanga. Ngenyanga ye-Silimela kulonyaka, umzimba wenye intwazana ngokubethwa kwakhe. Ngenye imini na ekutyholwa ukuba yabulawa ngokubethwa kwakhe. Ngenye imini ngokungenalusi liqabane layo, sazibonela ngawethu amehlo ukuba samapolisa e-Nyanga u-Captain wafunyanwa kwindawo yokulah- Ntomboxolo Sitshitshi ubongoza la inkunkuma kufuphi nommandla nabani na onolwazi malunga ne- wamatyotyombe i-Siyanyanzela cebu sisiganeko ukuba agqagamshelane namapolisa ase-Nyanga ku-021 380 kuhle e Phillipi. Umrhanelwa usag- 3304/3320 okanye kule nombolo cinwe kwintolongo i-Pollsmor, kwaye kanomyayi: 082 469 2470 okanye ku- ulindeleke ukuba avele kwakho en- Crime Stop: 08600 10111. kundleni ngomhla wesithandathu kwinyanga ezayo.

"Ixhoba belinxibe isilamba esimnya-

## Ifun'ukwakhelwa umkha-nyo into yokudlwengulwa kwamadoda



Ibhalwe ngu Abongile Boozi

AM I NEXT?



gaphaya kwamawaka amathathu anamakhulu alithoba namashumi amathandathu iziganeko zokuphatheka gadalala kwamadoda namakhwenkwana. Woleke um-sundulo ngelithi ziyohlukah-lukana ngokobuzaza iziganeko zokudlwengulwa kwabo.

Ibhunga lophando nzulu kwe-zamachiza kweli loMzantsi Afrika lithi kufuneka kunikelwe ingqwalasela emandla nangakumbi ekuphathweni gadalala kwamadoda nabantwana abangamakhwenkwana, ukudlwengulwa kwabo kwakunye nokubasemngciphekweni wokuxhatshazwa ngokwesondo. Othethela eli bhunga kule inyewe ngugqirha Mercelene Machisa othe sele beqalise uphando malunga nale nyewe neye yajonga amatyala awayefakwe emapoliseni ngomnyaka ka2012, kwaza kwaphawuleka ukuba zin-

Uthi kumaxa aliqela iziganeko zokudlwengulwa kwabantwana abangamakhwenkwe zenziwa ngabo babaziyo, basondeleyo kubo nabangamalungu osapho yaye eziziganeko zithatha ithuba elide ukuyakuxelwa emapoliseni kananjalo ezezela kubantu abangamadoda kusetyenziswa ubundlobongela maxa wambi de kusetyenziswe nezikhali ukubanyanzelisa ukuba benze oko kufunwa ngabenzi bobubi.

## Bafuna nje oku komzim-ba wonyana wabo

Ibhalwe ngu Abongile Boozi



I saqin'emplonyeni inqawa nanjengoko ungekafumaneki nangoku umzimba kaSibabalo Tsilana ominyaka ingamashumi mabini anesine ubudala wendawo yaseMfuleni ekutyholwa ngokuba wabulawa ngamagatyana amabini aze alahla umzimba wakhe emlanjeni ngomhla weshumi elinanye kule imiyo.

Ngokutsho kukadadewabo uZimkhitha Tsilana abahlali balammandla bebephume ngendlu ngomgqibelo ukuya kukhangela umzimba wakhe kodwa babuya nembande yesikhova nanjengoko bebuye ngaphandle kwawo lomzimba emva kwezityolo ezidiza ukuba amapolisa azindadi awavumanga ukungena kulamlambo ngelithi umdaka ukwaneentsholongwane.

Inkumanda yesasikhululo unjengele Dlamini uthi amapolisa azamile ukungena ngesikhitshana kulamanzi kodwa ngenxa yobumdaka bamanzi nadize ukuba anelindle nenkunkuma yemizimveliso. Sithetha nje amapolisa aseMfuleni ambhalise njengolahlekileyo lokaTsilana ngelithi abanakuthabatha undiva nambhalise njengobuleweyo de kufumaneka ubungqina obunesihlahla obukhombisa oko, ukanti ukuzakuthi ga ngoku basagcinwe phantsi kweliso labakwantsasana abafana ababini ekudizwe ukuba baziyela emapoliseni ukuyakubika ukuba bambulele lokaTsilana.

Ixhoba lagqityelwa ukubonwa ngomhla weshumi elinanye kuleyoMsintsi kwindawo yoogobityholo esemfuleni malunga nezithuba zentsimbi yeshumi elinanye ebusuku yaye kucelwa nabani na onokubanolwazi ngaye aqhagamshelane namapolisa aseMfuleni ukuze kwenziwe ubulungisa.



## Uwile umthi omkhulu kwi-candelo le taxi zakwa codeta

Ibhalwe ngu Zizipho Ninzi

B ashiyeke bothukile abanini zi ebengumntu osebenza ngokuzimise-taxi zombutho wakwa Codeta la kuba ke ebewuthatha umsebenzi emva kokusutywa kukufa nge-wakhe, ukubhubha kwakhe kusothu-siquphe kuka Mongameli we taxi um-sile kakhulu nangoku besizakuqala numzana Vusumzi Miselo. Lo ka Mise-iphulo lokunqanda udushe lono tekisi lo wazibandakanya ne candelo le taxi oluthande ukuba yinto yomhla nezolo kwiminyaka engamashumi amathathu kuyimpalalogazi kunye nokunqanda edlulileyo nanjengoko waqala njengo ukuthinjwa kwe taxi nokuba kubekho mqhubi we taxi kwi Phondo lentsho-inkxaso mali ephuma kurhulumente na koloni ngomnyaka ka 1991 nalapho yabanini zitaxi".La ngamazwi wen-wayesebenza kumzila wase Bellville. kokheli yombutho we One South Af-Usapho luka mnu Miselo luthi ludan-rica Movement umnumzana Mmusi dathekile emphefumleni nanjengoko Maimane .

utata wabo ebengomntu ogulayo ibothusile into yokuva ukuba ubulewe UMnumzana Miselo ushiya ngasem-zizintso kwaye khange bakwazi no-va abantwana abathathu kunye non-kumonga oko wayengene esibhedlele kosikazi yakhe . kulindeleke abekwe kwinyanga egqithileyo. kwikhaya lakhe lokugqibela ngom-hla wama 26 kule nyanga yo Msintsi

"Utata walapha ekhaya ebengutata kwiphondo le Mpuma koloni kwilali wethu sonke kuba Umnumzana Miselo yaku Maqhashu eLady Frere .

## Kuvakale isanxwe sovuyo emva kokuvulwa kuka level-1

Ibhalwe ngu Olwethu Mboto

E mva kokumiliselwa kwephulo le-Lockdwon kuvalwe iindawo ezinintsi kuquka imida yezikhululo zeenqwelomoya, iindawo zentselo, ukutyela kwamanye amaphondo ndawonye neevenkile apho isigqubu sabantu kubonakale ukuba singanegalelo elibi lokunwena kwalentsholongwane.

Kwisithuba senyanga ephelileyo kubonakale ehle ngamandla amanani alentsholongwane nalapho umingameli weli lomzantsi umnumzana uCyril Matamela Ramaphosa eye wagqiba ekubeni anyenyise kwintambo yakhe yemiqathango ze kwavulwa iindawo ezininzi kuquka amashishini ebekuholeleka ukuba ancedisana nokuxhathalaza kwamandla oqoqosho lweli. Kubeyimincili nemigobo kubemi beli ngethuba kuvulwa izinto ezifana nemidlalo yebhola kwakunye neendawo zentselo.

Kuvakele isanxwe kwilizwe lomZantsi Afrika bambi babo besithi baswele imisila ukuba bayiphakamisele phezu' ngethuba umongameli welilizwe umnu u-Cyril Ramaphosa emilisele isigaba sokuqala sokumiswa kwezinto kuzwelonke nalapho kuvulwe iindawo ezininzi kuquka ukutyela kwamanye amaphondo namazwe, ukongezwa kwamanani kwiityalike, ukuvulwa kwemisitho yeemvumi, ukongezwa kwamanani wabantu kwiinkonzo zemingcwabo ndawonye nokongezwa kwexesha lokuvalwa kweendawo ezithengisa igqabi likalonji. Kungoku nje abemi beli bathi kuyafana ukuba izinto zibuyele kwisiqhelo nanjengoko lukhona utshintsho kwintetho eyenziwe ngu-Matammela. Noko kunjalo u-Ramaphosa uthe"ukuvulelwa kwesigaba sokuqala akuthethi ukuba uluntu maluyeke ukulandela imiqathango ye—Lockdown, wonke ubani makaqhubeke nokunxiba izifonyo, asebenzise i-sanitizer kwakunye nokugcina umgama oyimitha enesiqingatha phakathi komnye nomnye.

# IMIDLALO NOLONWABO

## ZIPHINDE ZOSULWA IINYEMBEZI KU MAKHOSI

*Ibhalwe ngu Manga Manga*

Iqela lebhola ekhantywayo I Kaizer Chiefs libhengeze ukutyikitya umqeqeshi omtsha u Gavin Hunt ukulungiselela isizini ka 2020/21.

Ibiyimivuyo nemibhiyozo kumakhasi onxibebelelwano kubalandeli beli qela emveni kokuba ezindaba ezichulumancisayo, lonto iza emveni kokuba eliqela lohluthwe inqatha emloneni kwimidlalo yamagqibelo kankqoyi ye league kweli lomzantsi Afrika.

Amakhosi ebehleli kwindawo yokuqala ithuba elide basuka kumdlalo wokugqibela babethwa kabuhlungu ngenxa yokuba bohlulekile ekuphumeleleni xa bebedlala ne Baroka FC ngomhla wesihlanu ku Septemba.

Obefudula engumqeqeshi weliqela umnu. Ernst Middendorp yeyona ndoda yenziwe idini ngokungenzi kakuhle kweliqela ngemizuzu yokugqibela.

Amakhosi athi ziinstikelelo ezombethe ingubo kaNonyembezi ukuthengiswa kweqela le Bidvest Wits ebelisayoku qeqeshwa ngulo ka Hunt , kuba bafumene indoda enamava neseyisuka kuphumelela indebe ye league izihlandlo ezine kumaqela amabini ohlukeneyo.

Umpfathi weliqela le Kaizer Chief umnu. Kaizer Mutaung uthi unethemba lokuba len-



doda yakwa Hunt izabuyisa iintsuku zendyebobu, uvuyo nolonwabo kweliqela kuba iza ixwaye amava.



## Kude kwanetha nase ntlango kumbhoxo woMzantsi Afrika

*Ibhalwe ngu Manga Manga*

Iindaba ezimnandi kubalandeli nabathandi bombhoxo emzantsi afrika zezokuba, ekugqibeleni bazakukwazi ubona amaqela abo edlala nangona benzokukwazi ukuya emabaleni.

Amaqela amane adlala kukhuphiswano lwe Vodacom SuperRugby azoqobisana omene ngesuku olunye kumdlalo wobuhlobo obizwa ngokuba yi (Vodacom Super Fan Saturday Double-header) .

Lemidlalo izakudlalwa komkhulu ePitoli ngomgqibelo umhla wama 26 Septemba 2020.

Amaqela athabatha inxaxheba kulemidlalo yi Blue Bulls, Lions, Sharks kunye ne Stormers.

## LIYITSHONELE EMINI IQELA LE AJAX

*Ibhalwe ngu Manga Manga*



Igobele esandleni kwiqela elidlala kwi GladAfrica Championship I Ajax Cape Town emveni kokuba yohlulekile ukunyukela kwi Psl.

Eliqela le Urban Warriors lalikhokhele kwi league ngama nqaku alithoba onke kushiyeke imidlalo emihlanu kuphela kuwo wonke amaqela edlala nawo.

Kodwa lomigcobo aye ajika ayincindi yekhala xa iqela I Swallows fc linyukela kwi PSL nge (1 point different) kuphela, lonto ilishiye eliqela linethuba lokuba liyozilwela kwimidlalo yamanqam (play-offs).

Kodwa kuye kwacaca ukuba amava eqela elisuka ku PSL I Polokwane City ayikwazi ukumelana nawo.

Eli qela lakweli le Kapa lizibona libuyela lisiyakudlala kwi GladAfrica Championship kwakhona kule izayo I season , lonto ishiye iintliziyo zabalandeli kwanabo baneentliziyo ezithambileyo kweli qela zikruneke ngokungathethekiyo.